

PULA IMVULA

Khusela isivuno sakho emililweni

EMVA KWEHLOBO ELITHILE NGAKUMBI ELINEEMVULA EZINKULU NASEMVA KOKWINDLA KUZA UBUSIKA. NGENXA YEXESHA LONYAKA LEEMVULA, KUNINZI UKUTYA OKUTYISWA IZILWANYANA, KODWA OKU KUKWATHETHA UKUBA IMILILO YASENDLE INOKUBANGA INGXAKI EXHALABISAYO KULO NYAKA.

Imililo inokwenza umonakalo oxhalabisayo efama. Umcinga omnye wematshisi unokutshabalisa amawaka eehetare zamasimi alinyiweyo. Uninzi lwemililo etshisa izityalo lwenzeka phambi okanye msinyane emva kokuvuna kuba ngeli xesha izityalo zikholisa ukuba sezivuthiwe kwaye zomile.

Indlela yokuthintela imililo

- Abantwana mabangadlali ngematshisi.
- Abantu mabangalahli imatshisi evuthayo okanye umdiza (isigarethi) engceni eyomileyo, emagqabini, ematyholweni okanye koovimba.
- Makungabaswa umlilo ovulekileyo ethafeni okanye ngamaxesha onyaka anomoya.
- Abantu mabaqiniseke ukuba yonke imililo icinywe kakuhle.

Xa ubona umlilo

- Xa ubona umlilo osethafeni, kuxele oko kwan-

goko kubamelwane bakho nakumphathi wemililo yendawo ohlala kuyo. Baxebele ukuba umlilo uphi kanye kanye.

- Shiya umntu ekhaya oza kuxelela abantu ngomlilo. Ukuba unerediyo okanye ifowuni, iingcingo mazigcinwe zivuliwe ukuze kugqithiselwe iinkcukacha ezintsha msinyane emva kokufunyanwa kwazo.
- Ukuba akungomnini-mhlaba, maziye loo mntu ngokuba umlilo uphi kanye-kanye.
- Susa zonke izilwanyana zasefama nezixhobo zokusebenza uzise endaweni ekhuselekileyo.

Izixhobo zokusebenza onokuzisebenzise-la ukucima umlilo

- Izicima-mlilo – amanzi okanye uhlobo olomileyo olungumgubo.
- Yenza isixhobo sokubhula umlilo ngeebhanti zerabha ezindala ezimanzi okanye ngeengxowa ezimanzi. Ukubetha umlilo ngeebhanti okanye ngeengxowa ezimanzi kutshabalalisa umoya (i-oksijini/umongomoya) ofunwa ngumlilo ukuze uvuthe. Xa unganelanga umoya, umlilo uyayeka ukuvutha wandule ukucima kancinci, kancinci.
- Sebenzisa iimpompo zehabulusaka ukumanzisa izityalo nengca ekufutshane nephambi komlilo. Iimpompo zehabulusaka zikwaluncedo xa kuqwalaselwa ukudunguka komlilo emva

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

FUNDA NGAPHAKATHI:

- 3 > Inkqubo yezikolo zethu
itsala phambili
- 7 > Khawumazi...uMonica
Mathamba
- 8 > Iinkxalabo eziphakanyiswe
eNkomfeni



7



8



UMama uJane uthi...

Mva nje usasazo ngathi eyona ngxelo luyinikayo iphathelele nolvaphulo-mthetho kunye nobukrelemnqa. Kwenzeka ntoni ebantwini bethu, kwimigangatho yethu yokuphilisana nakwiinqobo zokuziphatha zethu?

Iinqobo zokuziphatha emsebenzini zibandakanya imbonakalo-zimvo yethu, ukuziphatha, ukuhlonelela, unxibelelwano nokusebenzisana – indlela ubani asebenzisana ngayo nabanye. Umbuzo wenene kwimeko ethile ubandakanya okulungileyo nokwamkelekileyo xa kuthelakiswa nokungalunganga kunye nokungaqwalasela ngokwaneleyo.

Kuyo yonke iminyaka edluleleyo embalwa kubekho amaqumrhu kunye nabantu ngabanye abangaziphathanga kakuhle emsebenzini, nechaphazela abanye ngendlela engathandekiyo. Oku kuye kwabandakanya ukubajongela phantsi abanye abantu xa abanye benze into ethandabuzisayo.

Iinqobo zokuziphatha emsebenzini, ezifana nokuthembeka, ukuwenza kakuhle umsebenzi, ukuxabisa okwenziwa ngomnye umntu, ukusebenza ngokwenjongo, nokuziva uyinxalenye yombono okanye yesicwangciso esibanzi, kubalulekile. Akufuneki ukuba sifune kuphela ukwenza, kodwa kufuneka senze ngokufanelekileyo. Iinqobo zokuziphatha emsebenzini ziyingxam yemvisiswano – ziphuma ngaphakathi.

Kumsebenzi wokufama maninzi amathuba amaninzi okuphosisa nokuqhatha. Cinga ngabantu ababoleka imali baze bangayibuyisi emva kokufumana isityalo; okanye abantu abalima isityalo, basise apho kufanelekileyo kodwa abanye benze ngathi khangela basifumane eso sityalo; okanye abo baboleka imali yokulima inani elithile lehektare baze balime nganeno (ngaloo ndlela bangawasebenzisi onke amagalelo emasimini ngokwesicwangciso). Abantu abangaluhloneliyo ubhambathiso abangena kulo, nabantu abasoloko benzezizathu zokungasebenzi nzima, abantu abathengisa izinto ezingezo zabo kunye nabantu abathenga izinto ezibiweyo...uludwe lungaqhuba okoko).

Xa kufuneka sakhe icandelo lezolimo kwilizwe lethu kufuneka sibuyele kwimithetho-siseko elungileyo yokuthembeka, ukusebenza nzima, ingqiqo nentlonelo. Wonke umntu, kubandakanywa abantu abakumasebe karhulumente, makenze umsebenzi ofanelekileyo wosuku. Le kuphela kwendlela esiya kuphumelela ngayo. Ukuba uza kuguqula indlela ezenzeka ngayo izinto – qala ngokuziguqula wena ngokwakho. Khokela ngokuba ngumzekelo omhle, thembeka. Masibuyele endaweni apho sinokuthetha ngokuzithemba sithi: ilizwi lam ndiya kulihlonela.

Khusela isivuno sakho emlilweni

kokucinywa kwawo.

- Sebenzisa iziphathi zamanzi nempompo yamanzi enokukhupha amanzi awaneleyo.
- Izikophu, iiharika nemihlakulo zinokusetyenziswa ukunqamla umlilo ukuze uvuthale kwicala elichasene nelomoya. Isixhobo esixabayo ngumcu womhlaba ophantse ukufana nendlela apho kungekho nto khona enokuvutha.
- Sebenzisa izikophu neeharika ukucima umlilo ngesanti nangomhlaba. Kwakhona zisebenzisele ukususa ingca neentsasa ezinokuvutha lula.
- Sebenzisa izixhobo zokusika ingca nezityalo ezingekavuthi neziphambi komlilo ozayo.

Ukulwa umlilo

- Hlangabeza umlilo ukusuka ngakwicala elinye okanye kumacala amamabini uzame ukucutha ububanzi bomlilo ongaphambili.
- Ukuba kukho ibhanti yomlilo (isinqamli) okanye isithintelo esiyindalo esifana nomlambo, zama ukucutha ububanzi bomlilo ngakwicala lesithintelo.
- Misela abantu abalwa umlilo kwiindawo ezifanelekileyo zobuchule ukuze bacime amalangatye avuthuzwa ngumoya. Umoya onamandla uyakwazi ukuqhubela phambili amalangatye kude kangangekhilomitha enye.
- Kubalulekile ukuwubethela ngaphakathi umlilo kwindawo evuthayo ukuze amalangatye angavuthelelwa engceni nasemagqabini angekavuthi.
- Yiba soloko ubeke iliso kwicala oya ngakulo umoya ngalo lonke ixesha.

Xa sowucinyiwe umlilo

Wakuba ucinyiwe umlilo, makwenziwe okulandelayo:

- Qiniseka ukuba abantu abalwa umlilo abenzakalanga.
- Hamba-hamba kwindawo yomlilo kwiiyure ezintathu obona buncinci ukuqwalasela ukuvuka komlilo.
- Buyisela izixhobo zokusebenza kwindawo echanekileyo.

- Phinda uzalise iziphathi zamanzi ezifana neetanki.
- Khanda izixhobo zokusebenza ezonakeleyo.

Izikhokelo zokunqamla umlilo

Nabani umnini-mhlaba apho uqalise khona umlilo okanye ukuvutha okanye umhlaba onokusuka kuwo umlilo makalungise kwaye agcine isixhobo sokunqamla umlilo ngakwicala lomda wakhe phakathi komhlaba wakhe kunye nawuphi umhlaba osecaleni kwawo. Ngumsebenzi noxanduva lwakho ukuqinisekisa ukuba umlilo ungaqali emhlabeni wakho. Ukwenza izixhobo zokunqamla umlilo ovuthayo, lixesha elichithwa kakuhle kwaye kunokukhusela wena nefama yakho (intsimi, izakhiwo, izityalo nemfuyo) ekutshabalaleni. Abanini bomhlaba osecaleni kovuthayo banokuvumelana ngendawo yokubeka isixhobo esinye sokunqamla umlilo ngaphaya komda. Isixhobo sokunqamla umlilo:

- Masibe banzi kwaye sibe side ngokwaneleyo ukuze sibe nako ngokwaneleyo ukuthintela umlilo wasethafeni ekunwenweni kumhlaba okufutshane;
- Masingabangi ukhukuliseko lomhlaba; kananjalo
- Masingabi nanto enokuvutha ise umlilo ngaphaya kwaso.

Injongo yezixhobo zokunqamla umlilo

Injongo yezixhobo zokunqamla umlilo:

- Kukuthintela ukunwenwa kwemlilo ecimekayo ngengacimekiyo;
- Zibonisa apho unokucinywa khona umlilo;
- Zibonisa apho ukuvutha okungasemva kungaqala khona;
- Zibonisa indawo yokuhlasela komlilo; kananjalo
- Zibonisa indawo yokufikelela emlilweni.

NGUJANE MCPHERSON, UMPHATHI WENKQUBO YASEGRAIN SA YENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA



Inkqubo yezikolo zethu itsala phambili

NGOWAMA-2010, iGRAIN SA IQALISE INKQUBO YEZIKOLO NGOKUNCE-DISWA yiMAIZE TRUST. INKQUBO LEYO IBE YIMPUMELELO. XA BESIFAKA ISICELO SETHU kwiMAIZE TRUST NGOWAMA-2010/2011, SIPHINDE SACELA INKXASO-MALI YENKQUBO YEZIKOLO. I-MAIZE TRUST IYAMKELE NGOBUBELE OBUKHULU INKXASO-MALI YOKUTYELELA IZIKOLO.

Kubalulekile ukuba sikhuthaze abantwana ukuba balazi ixabiso lezolimo njengomthombo wokutya neentsinga zazo, lingumdlali wendima enkulu kwezoqoqosho, liveza amathuba emisebenzi linika nabantu uqeqesho lomsebenzi abanokuwufundela. Bangaphezu kwesiqingatha abemi base-Afrika abangaphantsi kweminyaka engama-20 ubudala. Abantwana bangabasebenzisi beli xesha, abasebenzisi bexesha elizayo nesizukulwana esilandelayo sabasebenzi ngoko ke xa sinokukhawuleza sibenze balazi ixabiso lolimo ngokubanzi ngakumbi kwishishini lombona, singakhawuleza sibe nethemba lokubenza baqonde ukubaluleka kwalo.


Kulo nyaka injongo ephambili yeprojekthi yethu ibikukuphuhlisa iiDVD ezintathu ezahluka-hlukileyo ezibonisa icandelo lezolimo, ishishini lombona kunye nolimo njengomsebenzi anokuqeqeshelwa wona umntu. Inani labantwana likhulu kakhulu – kwisikolo ngasinye siye sinyanzeleke ukuthatha isigqibo sokuba sinako na ukubabona abantwana kunye (njengoko amaqela amakhulu kungelulanga ukuwenza azikise ingqondo kwaye athathe inxaxheba.), okanye mhlawumbi siwabone ngokuwahlukanisa amaqela (oko kuthethe ukuba umqeqeshi kufuneka aphinde isifundo esinye amaxa amaninzi). Siye kwiAgriSETA ngo-Oktobha 2010 ukuya kucela inkxaso yabo yale nkqubo. Basixelele ukuba baza kusilungiselela ama-R360 000 ukwenzela uphuhliso lweeDVD ezintathu. Siwamkele ngombulelo omkhulu umnikelo wabo saza saqalisa inkqubo yokumema ukuze sikwazi ukuchonga umboneleli wenkonzo ofanelekileyo onokuzenza iiDVD ezo. Ekugqibeleni siyumelene noMartie Willemse ovela kwiziko leemveliso le-Noline ngeDVD yokuqala kwaza kweyesibini iDVD safumana uPW van Wyk waseAgriTV.

Abaniki-ngcaciso bachongwa kwimimandla elishumi eyahluka-hlukileyo, eyile, iFree State, uMntla-Ntshona, uMntla-Ntshona/iGauteng, iKwaZulu-Natal, iMpuma-Koloni, uMntla-Koloni neMpumalanga. Kwikota yokuqala, izikolo ezityelelweyo zili-180 apho abafundi badlalelwa iDVD. iDVD iphuhlise ngendlela evumela ukuba kubekho iindawo ezintathu ekunokunqunyanywa kuzo ukuze umniki-ngcaciso akwazi ukuxoxa ngeziqulatho nabafundi. Emva kweseshoni, isikolo siphinda sinikwe ipowusta ekhumbuzisa isikolo ngeziqulatho zeDVD yokuqala – Ukutya, iiNtsinga zoKutya noBomi.


Abanye abafundi bezikolo ebezityelelwe babuziwe ukuba ingaba usuku olo lubalulekile na kubo. Kufunyenwe iimpendulo ezilandelayo.




Abafundi abazibandakanye kutyelelo lwekota yokuqala yango-2011.



Izikolo ezityelelwe ngekota yokuqala ngo-2010 nango-2011.



Abafundi abaye kwimiboniso-ngcaciso yekota yokuqala.



Izikolo ezityelelwe kumaphondo ngamaphondo ngekota yokuqala ka-2011.

Inkqubo yezikolo zethu itsala phambili

UMoliko, uTebello noDoreen abangabafundi besiKolo samaBanga aPhezulu saseQuibing

"Andazi nokuba ndingaqala ngaphi kodwa endinokutsho kukuba ndifunde lukhulu kwaye ndingakuvuyela ukufunda okuthe chatha. Ndikholelwa ekubeni kubaluleke ngenene ukutyalala imithi, njl. ukuze sihlale siphila ubomi obungummangaliso nobumnandi bemihla ngemihla. Ndifunde nokuthi ubomi bokulima asibobomi babalimi kuphela, thina njengabantu abatsha, kufuneka sazi banzi ngezifundo zolimo ukuze sivelise ukutya okuza kusetyenziswa ngabanye abantu kwaye ukususela namhla ndiza kwenza isitiya sam semifundo kuba ndifunde ukuba kuninzi endinokukuzuza ngokulima. Ngoko ke ndinovuyo olukhulu kwaye ndifuna ukubulela iGrain SA ngokusifundisa ngendlela ezibaluleke ngayo ezolimo. Ngenxa yoko ndiyinqwenelela okuhle kodwa iGrain SA. Wanga uThixo angayikhokela side siphinde sibonane kwixesha elizayo."

UMonique Pretorius ovela kwisiKolo samaBanga aPhezulu saseWinburg

"Ewe, ndifunde ukuba singawenza umahluko sakuba sigqibile esikolweni ngokuya kwenza umsebenzi wasefama ukuze sonke sifumane ukutya. Kwakhona namhlanje ndibonile ukuba xa sinokuvelisa ukutya okuyimveliso yethu siya kukwazi ukutya, kwaye umsebenzi wokufama awululanga ngendlela ebasicinga ngayo. Andizange ndakha ndayicinga nzulu inkqubo yokuvulisa izityalo, kodwa ezi zifundo bezinomdla kakhulu kum. Ndibulela Kangangoko!"

UThabiso Msomi wesiKolo semFundo ePhakamileyo saseLinpark

"Ewe, kusivule amehlo ukwazi indlela ukutya esikutyayo okufikelela ngayo kuthi nendlela okwenziwa ngayo. Kwakhona kusenze salibona elinye icala lezolimo nezinto zalo eziluncedo. Sifumene ukhanyo lwendlela ezenziwa ngayo iimpahla esizinxibayo nendlela esizifumana ngayo."

UBongani noSechaba besiKolo semFundo ePhakamileyo saseThabo Thokoza

"Ewe! Ingcaciso siyiqonde ngokucacileyo kwaye sifunde okuninzi ngezolimo. Asinakuphila ngaphandle kwezolimo. Enyanisweni kukho intsebenziswano enkulu phakathi kwemo engqonge abalimi apho bavelisa ukutya kwizilwanyana nezityalo. Sifunde ukuba neempahla esizinxibayo zivela kwezolimo safunda nokuba ujongilanga ukhupha ioyile kwanomqhaphu onokusetyenziselwa iijini esizinxibayo asisathethi ngesimbo. Kwakhona sifunde ukuba inkqubo ye-photosynthesis yezityalo eziluhlaza yokuzenzela ukutya ngesiniki-bala se-chlorophyll yenzeka kuzo. Siyabulela kuwe Grain SA kube mnandi ukuba nawe."

UMosamo, uMokhele P, uDiphapang, uRadimo noMokhetni M ngabesiKolo seMfundo ePhakamileyo saseLe Reng

"Sifunde izinto ezininzi ebasingazazi, njengokuthi ukutya kwehlabathi okungama-90% kuvuliswa ngabalimi. Kufuneka abalimi abahlanu ukwenza ibhega enye. Abanye bethu bebengazi ukuba impahla enxitywayo yenziwa ngesikhumba esinoboya bezilwanyana kanti nezilwanyana ezo zikwayinxalenye yolimo. Basicinga ukuba ezolimo ziphathelele nokufama kuphela kodwa namhla sifumanise ukuba besiphazama. Ukulima kuphathelele nabalimi kuba ngaphandle kwabo akunakubakho kutya."

UCallum Estchmaier ovela kwikholeji yezoLimo yaseWeston

"Ewe kube libhongo elikhulu kuthi njengoko kusilungiselela umsebenzi wokufama wexesha elizayo. Le ntetho isincedile ukuze sibone indlela umsebenzi wasefama obaluleke ngayo malunga nokutya, iimpahla, izihlangu nombane. Kwakhona bazamile ukusikhuthaza ukuhlala emgaqweni wokwenza umsebenzi wokufama."

UMalefane Retshedisitswe wesiKolo semFundo ePhakamileyo saseBoitumelo

"Ndifumanise ukuba ngaphandle kwezolimo siza kulamba kwaye siya kudinga nempahla enxitywayo. Kum ezolimo zibaluleke kakhulu kuthi bantu, nakwizilwanyana, njalo, njalo. Ndingqwenela ukukhuthaza abantu ababulala izilwanyana nezityalo ukuba bayiyeke loo nto kuba xa betshabalalisa izityalo siya kutsala nzima ngakumbi kuba singazi kuba nakutya kwaneleyo, amaplanga okwenza ifanitshala, izinto zokwakha izindlu kwaye asisayi kuba nezinto zokubhala kanti ka sitshabalalisa izilwanyana siya kuswela impahla yokunxiba nokutya kanti ndizithanda kakhulu ezo zinto..."

ULetshabo Ipeleng ovela kwisiKolo esiHlanganiselweyo saseSenzile

"Ndifunde lukhulu malunga nokuba iimveliso zivela phi nokuba kwenziwe ntoni kuzo xa bezisekukutya okungekaqhutyelwa phambili. Kwakhona sifunde ukuba ukutya kuqala kwicandelo lokuqala kuqhutyelwe phambili kude kufike kwicandelo lokugqibela ukuze kube yimveliso egqibeleleyo. Kukwasinika iityuwa neentsinga zako."

UMetyatat Nontetho ovela kwisiKolo esiHlanganiselweyo saseSenzile

"Utelelo lweGrain SA lube neempembelelo ezinika ithemba kakhulu – kuba lusinike ulwazi ngendlela iimveliso ezenziwa ngayo kwicandelo lokuqala, elilandela elokuqala ukuya kwelokugqibela. Oku kundinike amava angummangaliso. Enyanisweni ndimangaliswe yintsusa yezinto ezisetyenziselwa ukufaka igalelo. Ukubona amathuba emisebenzi umntu anokuwafumana ngenxa yemibandela yezolimo kundenze ndazikisa ukucinga. Kwakhona ndifunde nendlela ezenziwe ngayo iimpahla endizinxiba yonke imihla. Ngoku ndiza kuphanda ngemfundo endinokuyiqeqeshelwa xa ndinokuzibandakanya kwezolimo kuba ndibone nokuba abantu abangenabuchule banabo bokusebenza banokufaka igalelo – nto leyo ethetha ukuba kuza kudaleka amathuba emisebenzi ukuze kuguquke ubomi babantu abaninzi. Oku kuphinde kwaba ngamava amangalisayo kum."

UPono Shembe ovela kwiKholeji yezoLimo yaseZakhe

"Utyelelo beluxabisekile kum kwaye ndiqinisekile ukuba uninzi lwabantu esikolweni banoluvo olufana nolwam mhlawumbi bonke. Ndifunde lukhulu kolu tyelelo, ngakumbi ngokuba iimfuno ezininzi zabantu zivela kwishishini lezolimo. Ukusuka kwisiganeko sokuya kwabantu ezidolophini nokwanda kwamanani abantu, ezolimo zizo ezivala isikhewu ukusuka ezifama ukuya kwizixeko ezikhulu. Ezolimo zisebenza njengento eqhubela phambili ukuveliswa kokutya kwiHlabathi liphelele. Phantse zonke iimpahla ezinxitywayo ziphenjelelwa yimveliso yezolimo. Sijonge phambili kutyelelo olulandelayo!"

URbecca Ntsapi wesiKolo semFundo ePhakamileyo saseBoitumelo

"Ndibonile ukuba ngaphandle kwezolimo siya kutsala nzima, akusayi kubakho bantu nabakhoyo baya kufa. Ngaphandle kwezolimo akusayi kubakho zimpahla, nakutya kungasayi kubakho ndawo elikhusi. Ezolimo zibalulekile ebomini bethu kuba ngaphandle kwazo zininzi izinto ezingasayi kubakho ehlabathini. Ndiyabulela!"

UMoshane Paballo Vinoliah wesiKolo semFundo ePhakamileyo saseRainbow

"Ewe ndifunde izinto ezindenza imincili kakhulu kuba ndifunde lukhulu kakhulu ngezolimo. Ndingumntu onentlonelo nengqiqo kwaye ngenxa yolu tyelelo ngoku zininzi izinto endiziqondayo ngezolimo kwaye ndifuna ukufunda okuthe chatha ngazo. Oko kulunge kakhulu. Ndingqwenela ukwenza ezolimo kwaye ndiyakholelwa ekubeni kunamathuba amaninzi emisebenzi. Ndiya konwaba kakhulu xa umqeqeshi waseGrain SA, uMe A Thomas, enokundiphendula. Enikwenzileyo makungapheleli esikolweni sethu kodwa makube ziindaba ezilungileyo nakwezinye izikolo."

URamona Steenkamp wesiKolo samaBanga aPhezulu sasePionier

"Ewe, bekunomdla kakhulu kwaye kuxabisekile. Mna ngokwam ndiyakuhlona kakhulu endikutyayo nalapho kuvela khona. Ndiyabulela ukuba nabelane ngolwazi eninalo nathi, bekuluvuyo olukhulu. Nincede nimane ukukwenza oku, kuba kunomdla kakhulu."

UMtabane Egnar wesiKolo saseLere-La-Thuto

"Kundinike umdla kakhulu kuba ezinye izinto bendingazazi. Kundincede kakhulu. Ndingqwenela ukuba iGrain SA ingaphinda ibuye. Bendingazi ukuba irayisi ivela emhlabeni onamanzi. Okunye endikufundileyo kukuba ootatomkhulu bethu bebehamba baye kuzingeleni. bakwazi ukunxiba, lo gama thina sithenga ezivenkileni. Ndifunde okuninzi ngaphezu kokuba bendilindele. Nincede nibuye ukuze nabo bebenganibonanga bafumane ithuba lokunibona. Baya kumangaliswa kukubona endikubone namhlanje. Bekunomdla omkhulu kakhulu!"

USandile Mohunu wesiKolo samaBanga aPhezulu saseSarel Cilliers

"Ewe, ndikholelwa ekubeni thina njengabantu asizikisi ukucinga ngezolimo. Andizange ndakha ndacinga ngazo zonke izinto endizive namhlanje. Ngoku ndiyazi ukuba iimveliso ezifana nee-cornflakes asisuki zibekho lula njengoko besicinga. Lifikile ixesha lokuba indalo siyijonge ngamehlo ahlukileyo, ngendlela enika ithemba. Phambili ngomsebenzi wenu omhle. Ningalulahli uthakazelelo lwenu..."

ULondeka Mkhize wesiKolo samaBanga aPhezulu sase-Estcourt

"Ewe, kungenxa yokuba ndifunde ukuba maninzi amacandelo kwezolimo. IDVD ikwazile ukusichazela banzi ngendlela enika umdla. Indifundise ukuba mininzi imithombo yobutyebi exabisekileyo kwaye thina bantu kufuneka siyithathele ingqalelo. Sibulela kangangoko kukubona ukuba kukho abantu abanokuthatha ixesha labo, ukuze basifundise ngezinto ezinjalo kwaye siya kuhlala sijonge kutyelelo oluzayo."

UJaco Hulme wesiKolo semFundo ePhakamileyo saseLinpark

"Oku kuthethe okukhulu kum kuba kundenze ndaqonda ukuba konke esikutyayo nesikunxibayo kuvela kwindalo. Ndifunde ukuba abalimi banendima enkulu abayidlala ebomini bethu kuba bayasilimela ukuze sibe nemifuno esiyityayo ephuma emhlabeni olungileyo. Abalimi baqinisekisa ukuba izilwanyana ezisityayo zisempilweni entle nokuba umhlaba ubaluleke kakhulu ebomini bethu. Abantu mabayilondoloze indalo kuba kusenokungabikho ukutya kuba sisebenzisa iitoni ezisisigidi esinye sombona ngonyaka ngamnye kwaye ukuba siqhuba ngokungafumani kutya ihlabathi linokuba sengozi, loo nto indenze ndacinga ngento esinayo nokuthi kufuneka sibe nombulelo."

UMakotsoang Sello ovela kwisiKolo esiHlanganisweyo saseLouv Wepener

"Ewe, kube mnandi ukufunda okuthe chatha ngezolimo kwaye ndifunde ukuba umhlaba ungumthombo wethu wobutyebi osentloko ehlabathini. Yonke into esiyifumana namhlanje ivela kwizilwanyana nasemhlabeni, konke oko kum kube ngamava amakhulu. Utatomkhulu wam wayengumlimi kodwa ebengenalwazi olukhulu njengotata wam olima izinto ezahluka-hlukileyo ezifana nekhaphetshu neetapile. Ndingqwenela ukuqhuba ngemfundiso yabazali bam nookhokho bam. Kananjalo utata wam uya kuba neqhaya ngam. Ngoko ke into eyenzekileyo andinakuyilibala. Ndiyabulela kakhulu."

Kujoliswe kumaQela oFundo-nzulu aseMpuma-Koloni

KUKHO MALUNGA NEEHEKTARE EZINGAMA-2 152 ZOMHLABA OLIMEKAYO EZI-NOKUFUNYANWA NGAMALUNGU AMAQELA OFUNDO-NZULU KULE NGINGQI. LO NGUMHLABA ODITYANELWAYO, UMHLABA KARHULUMENTE KODWA OLAWULWA NGUGUNYAZIWE WAMAQELA OLUNTU. UMLIMI NGAMNYE “UNEMVUME YOKUNGENA KUWO” (PERMISSION TO OCCUPY PTO), MVUME LEYO EFANA NEMVUMELWANO YOKUQESHA. UMLIMI AKANAKUBA NGUMNINI WALO MHLABA, KODWA UMHLABA AWUNAKUXUTHWA KUSAPHO LWAKHE.


Kweli xesha lonyaka abakwazanga kulima umhlaba oziihektare ezingama-857. Ziliqela izizathu ezibange le meko, kubandakanywa iindleko eziphezulu zamagalelo kunye neendleko eziphezulu zokusebenzisa ababhambathiswa. Abalimi abakwazi kuthenga izixhobo zokusebenza neetrektara ezizezabo njengoko amaxabiso abawafumanayo ezityalo eziziinkozo ephantsi ngokunjalo neenzuzo ziphantsi. Abalimi abaninzi abasasebenzisa umhlaba badala kwaye baxhomekeke ubukhulu becala kwiintlawulo zomhlala-phantsi. Abalimi abadala abanalungelo lokufumana uncendo lwemali olufana neemali-mboleko zasebhankini kwaye abakwazi kwandisa umhlaba abawulimayo ngemali abanayo.

Umhlaba olimekayo omkhulu awubiyelwanga ngoko ke abalimi balahlekelwa kakhulu ngenxa yemfuyo etya emasimini alinyiweyo. Inkqubo ye-CASP yeSebe lezoLimo ihamba kade ngokuphathelele nezinto zokubiyi ezisisakhelo esisiseko. Inkqubo ebanzi yemveliso yokutya incipha ngonyaka ngamnye kwaye bambalwa kakhulu abalimi abancediswa yile nkqubo ukulima izityalo zabo. Abalimi basemaphandleni bafaka izicelo kwinkqubo yeASGISA esebenza umhlaba wamaqela abahlali ngaphandle kokubandakanya abanini bomhlaba. Esi asisosisombululo silondolozekayo njengoko sisazi ukuba xa i-ASGISA ingasawasebenzi amasimi, aya kuphinda abe lifusi kwakhona kuba kule nkqubo akukho kugqithiswa kwezakhono zobuchule kungekho nakuxhotyiswa kwenzekayo. Le meko ayiniki themba.



Amalungu eqela ahlalana kanye ngenyanga. Kukho ixabiso elikhulu ekubeni yinxalenye yeqela lofundo-nzulu njengoko abalimi bekwazi ukwabelana ngezimvo, bakwazi nokuchonga iimfuno zabo zoqeqesho kananjalo banikana namacebiso kunye nenkxaso. Abalimi basemaphandleni bakude kubalimi borhwebo kanti ngabalimi abambalwa kuphela abalima njengabalimi abarhwebayo. Uphuhliso malunga nale mimandla luyacotha, kodwa ndinovuyo ukunika ingxelo yokuba inkqubela iyabonakala. Abalimi basebenzisa imbewu yemihlanganiselwa, nesichumiso kwaye benza ilinge elibumbeneyo lokutshabalalisa ukhula emasimini abo ombona.

NGULAWRENCE LUTHANGO, UMQUQUZELELI WEPHONDO WENKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA





Khawumazi... uMonica Mathamba

UMONICA MATHAMBA UHLALA KU MMANDLA WO LAWULO LWASE MT-HATHA MBOZISA APHO ALILUNGU LO MBUTHO WABA LIMI BASE MBOZISA KHONA. UMONICA UQHUBA UMSEBENZI WOKUFAMA EMHLABENI ODITY-ANELWEYO KWAYE UKWAZILE UKUBIYELA AMASIMI AKHE EZITYALO EE-HEKTARE EZINTANDATHU.

UMonica uyile kwizifundo zoqeqesho ezilandelayo zase Grain SA: Intshayelelo ngemveliso yombona kunye nezifundo ezikwiBakala eselingaPhambili ngemveliso yombona. UMonica uwuphucule umgangatho wemveliso yakhe yombona ngokusebenzisa ulwazi nezakhono zobuchule alufumene ngokuba lilungu leGrain SA. Wayevelisa iitoni ezi 3,5 ngehektare enye kodwa ngoku uvelisa iitoni ezi 4,5 ngehektare enye.

Uyifumana njani imali yokuxhasa isityalo sakhe?

Imali axhasa ngayo isityalo sakhe iphuma epokothweni yakhe njengoko engakuthandi ukuboleka imali kuba iimali-mboleko zisuka zamkelwe seligqithile ixesha lonyaka elifanelekileyo.

Uwafumana phi amagalelo akhe?

UMonica uthenga amagalelo akhe eMthiza Farmers Co-op nase East Cape Co-op. Amaxabiso athande ukuba phezulu kwaye akukho macebiso obuchule anikwa ngabaxhasi.

Yintoni indima karhulumente kwezolimo kwaye uyifeza njani?

Indima karhulumente kukunika abalimi amacebiso nezakhono zobuchule bobugcisa kananjalo nokubanika isakhelo esisiseko. UMonica uthi urhulumente akayifezi le ndima yakhe kuba akayiphumezi imigaqo-nkqubo yakhe.

Impumelelo yakhe uyinxulumanisa nantoni?

UMonica unxulumanisa impumelelo yakhe nothakazelelo analo nokusebenza nzima. Ukholelwa ekubeni ukusebenzisa imbewu engumhlanganisela, isichumiso nemichiza yokutshabalalisa ukhula kuphucule isivuno sakhe. Kulo nyaka, uMonica unqwenela ukuthenga ezinye izixhobo zokusebenza, ngakumbi isitshizi sezikhondo.

NGULAWRENCE LUTHANGO, UMQUQUZELELI WEPHONDO WENKQUBO YASE GRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA





Olu papasho lwenziwe lwabakho ngabakwa Maize Trust.

GRAIN SA

PO Box 88, Bothaville, 9660
▶ (056) 515-2145 ◀
www.grainsa.co.za

UMPHATHI WENKQUBO

Jane McPherson
▶ 082 854 7171 ◀

INGCALI: UQEQESHO NOPHUHLISO

Willie Kotze
▶ 082 535 5250 ◀

INGCALI: FIELD SERVICES

Danie van den Berg
▶ 071 675 5497 ◀

USASAZO: PULA-IMVULA

Debbie Boshoff
▶ (056) 515-0947 ◀

ABAQUQUZELELI BAMAPHONDO

Daan Bosman

Mpumalanga (Bronkhorstspuit)
▶ 082 579 1124 ◀

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
▶ 079 497 4294 ◀

Tonie Loots

North West (Zeerust)
▶ 083 702 1265 ◀

Jerry Mthomboti

Mpumalanga (Nelspruit)
▶ 084 604 0549 ◀

Lawrence Luthango

Eastern Cape (Mthatha)
▶ 083 389 7308 ◀

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal and Mpumalanga
▶ 082 354 5749 ◀

Ian Househam

Eastern Cape (Kokstad)
▶ 078 791 1004 ◀

UMPAPASHI

Infoworks

▶ (018) 468-2716 ◀
www.infoworks.biz



I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho,
iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

Injongo yethu kukuvelisa olona papasho lubalaseleyo xa lunokubakho. Nawaphi anqaku aphawulwayo ngesiqulatho somhleli okanye ngedlela yokubhalwa kwaso ngoko ke, mawabhekiswe kuJane McPherson.

Iinkxalabo eziphakanyiswe eNkomfeni

UMnu JAN BOTHA waseTHABA'PATCHOA UPHAKAMISE IINKXALABO EZILIQELA EGAMENI LABALIMI ABASAPHUHLAYO NGETHUBA LENKOMFA YASEGRAIN SA NGOMHLA WE-9 MATSHI 2011. UGQALISELE KAKHULU KWIMICELI-MINGENI ABAJONGENE NAYO ABALIMI ABASAPHUHLAYO KUNYE NOKUSILELA KUKARHULUMENTE EKUBANCEDISENI.

"Njengabalimi abamnyama, sijongene nemiceli-mingeni efana naleyo yabalimi borhwebo kwaye njengakwiziganeko ezininzi le miceli-mingeni isibetha ngakumbi kuba asinanto sinayo esiyibekele ecaleni," utshilo uJan phambi kokuqhuba ngokunika imizekelo yeengxaki abajongene nazo nendlela urhulumente abaphoxe ngayo.

Inkxalabo yokuqala ayiphakamisileyo linqanaba elisezantsi le pH (ubumuncu) yomhlaba. Ukhankanye indlela kunyaka odlulileyo iDAFF eFree State ebithembise ngayo abalimi bayo ngekalika. Iimephu zeGPS zenziwa, zathathwa iisampulu, anikwa amacebiso, kwaqikelelwa izixa zekalika kanti nemali yayikhona kuhlahlo lwabiwo-mali. Konke oku kwakusekwenziwe ngoMeyi 2010 kodwa ikalika ayikasisazwa nangoku emasimini. "Oku kusichaphazele isityalo sehlobo kunyaka odlulileyo kwaye kuza kuphinda kusichaphazele isityalo sengqolowa kulo nyaka," utshilo uJan.

Imeko emaxongo yoomatshini neetrekta ibe yinkxalabo yakhe yesibini. Uthethe ngen-dlea iGrain SA iye yenza uhlolo olucokisiweyo lweetrekta noomatshini babalimi abangama-42 eFree State yaza yacela iDAFF ukuba incedise abalimi ngezigidi eziR2,5 zeendleko

zokukhanda. Oku kuye kwalunga ngomhla we-12 Matshi 2010 kodwa kude kube ngoku akukho nto yenzekileyo.

Inkxalabo yakhe elandelayo ibe ziikhonto ezonakeleyo nemisele yamanzi. "I-DAFF inenkqubo yoKhathalelo loMhlaba eyenza umsebenzi omhle, kodwa uhlahlo lwabiwo-mali lwayo luncinci kakhulu kwaye umhlaba ukhukuliseka ngokukhawuleza kunokuba inokusebenza."

Uphinde wakhankanya isimo esimaxongo seendlela zeli lizwe nendlela embi esichaphazela ngayo abalimi, phambi kokugqithela kwingxaki yokutyisa okugqithiseleyo. "Ukutyisa okugqithiseleyo makulawulwe yiDAFF ngokusebenzisa inkqubo eyayisakwaziwa njenge *bodem beskerming*," ucebise watsho uJan.

Ukusilela koomasipala ekulawuleni amasimi adityanelweyo nako kungene kuludwe lwakhe ngokunjalo nobunzima bokufumana iimali-mboleko zemveliso. UJan uchaze ukuba kunyaka odlulileyo ngama-25% kuphela amasimi abalimi abamnyama alinyiweyo kuba abalimi bengakwazi kufikelela kwiimali-mboleko zemveliso. Iinzuzo zincinci kakhulu azikufanelanga ukuboleka imali. IGrain SA yenze izicwangciso zoshishino zabalimi abali-52 abakwinkqubo ababefuna ukulima izityalo zasehlotyeni. Abalimi bebefuna ubonelelo lwethutyana ukuphumeza oku kodwa urhulumente zange asenze isigqibo malunga nalo mbandela. "Ama-27 000 eehektare zomhlaba ebenokulinywa ngaba balimi bamnyama – urhulumente khangane ancede nganto, kodwa uthi uxhalabile ngokhuseleko lokutya."

UJan uphinde wakhankanya inkxalabo ng-nyaniso yokuba abaphathi besolulo abakwazi kubanceda abalimi. "Abanamva omsebenzi wokufama, kwaye uninzi lwabo abayi nakwezo fama."

Umzekelo wokugqibela wokusilela kukarhulumente ekuhlangabezani iinkxalabo zabalimi abasaphuhlayo ube ngumbandela weSebe lemi-Bandela yemiHlabathi elinika abantu abangen-gobalimi umhlaba. "Abalimi benene baqhuba ngokutsala nzima kuba bengenamhlaba ongow-abo, kodwa umhlaba unikwa abantu abangakwazi kuwusebenzisa."

UMnu Jan Botha ugqibezile intetho yakhe ngokucela uSihlalo weNkomfa ukuba agqithisele umyalezo wabo kumanqanaba angawona aphezulu karhulumente. "Akanancedo kubalimi abamnyama kwaye akukho ndlela yokuguqula eli candelo ngaphandle kokuba abonelele abantu ngeenkonzo," uphethe ngokutsho.



NGUILANA KOEGELEBERG, ONEGALELO KWIGRAIN SA